


# Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

EyeDwarha 2021 Ushicilelo 2



**COVID-19 is real, says ICU doctor**

Page 4

**STAY SAFE**

VACCINATE TO SAVE SOUTH AFRICA

TOGETHER WE CAN BEAT THE CORONAVIRUS



**Orefile Mthombeni blazes a trail in aviation**

Page 9

## SA to roll out vaccine certificates



**P**resident Cyril Ramaphosa has announced that the Department of Health will soon roll out a vaccine cer-

tificate as proof that residents have been vaccinated against the Coronavirus Disease (COVID-19). Addressing the nation

recently, the President said the digital pass system could be used to show vaccination status to facilitate travel, access to establishments,

gatherings and other forms of activity.

“Our approach is informed by World Health Organisation guidelines and is in line with

international best practice. Streamlining and standardising proof of vaccination will also go a long way towards getting a number of international travel restrictions both from and into our country eased,” he explained.

The President also announced that the country would move from Adjusted Alert Level 2 to Adjusted Alert Level 1 after it exited the COVID-19 third wave.

“Getting vaccinated is not only about protecting yourself and those around you; it is also about preventing new and more dangerous variants from emerging.

The virus can spread and mutate in unvaccinated populations,” President Ramaphosa said.


However, he urged South Africans to continue to adhere to the basic precautions to limit the spread of the virus, even if they have vaccinated.

### Economic recovery



President Ramaphosa said the country’s priority is economic recovery to make room for job creation and help businesses hard hit by the pandemic get back on their feet.

“The only way that we can

**Cont. page 2**



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:

Search for SA Government on Google playstore or appstore


### CONTACT US

 Vuk'uzenzele  @VukuzenzeleNews

Website: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:  
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083



# Ukuphela urhwaphilizo kumaziko karhulumente

**U**kuvezwa ePalamente kokuba amawaka abasebenzi bakarhulumente bafumana izibonelelo ngokungekho semthethweni inyanga nenyanga, kubonisa ukuba isende indlela ekusafuneka siyihambile yokumilisela inkcubeko yokuziphatha kakuhle kwabantu abakumaziko karhulumente.

Ekuqaleni kwalo nyaka, kwafunyaniswa ukuba malunga nama-16 000 abasebenzi bakarhulumente bahlawulwa ngokunxamnye nomthetho isibonelelo seNkxaso-mali yoNcedo lweNtlalontle ye-COVID-19. Kuyaziwa ngumntu wonke ukuba abafaki zicelo abaneminye imithombo yengeniso abasifanelanga le sibonelelo. Kukwaziwa ngokucacileyo ukuba abo bafumana umvuzo kurhulumente akufanelekanga bafake izicelo zale sibonelelo.

Kodwa bazifaka. Abantu abangama-17 000 abaqeshwe kurhulumente wesizwe nowephondo bafake izicelo ngeenjongo zokunyusa imivuzo yabo ngemali eyenzelwe abo bangathathi ntweni. Ngenxa yentlupheko isizwe ejongene nayo, eyaziwa kakhulu ngabasebenzi bakarhulumente, le njongo yangabom yokuba kwimali karhulumente ayixoleleki.

Urhulumente ngoku uqinisa imizamo yakhe yokuthintela olu hlobo lokuxhatshazwa kwemali yakhe kwaye athabathe amanyathelo ngakuye nabani na okumaziko karhulumente othe wabandakanyeka kwi-



senzo sobuqhetseba.

Kutshanje, urhulumente usungule iCandelo lokuziphatha kakuhle, iNtembeko kunye noLuleko kuLawulo lukaRhulumente. Eli candelo liza kwakha amandla ngaphakathikwimibuthoyoluntu ukuze liqalise iinkqubo zoluleko kwimeko yokungaziphathi kakuhle kwaye lisebenzisane namanye amaqumrhu karhulumente ekuziseni ngaphambili abo bathe babandakanyeka.

Eli candelo liza kuthumela amatyala orhwaphilizo kwiQela likaRhulumente lokuLwa uRhwapphilizo, lize lilandelele amasebe karhulumente ukuqinisekisa ukuba amatyala olwaphulo-mthetho abandakanya abasebenzi bakarhulumente aguqulelwa kumatyala oluleko. Ngentsebenziswano neziko i-Fusion Centre lee-arhente ezininzi, eli candelo liza kunceda ekuchongeni abasebenzi ababandakanyeka kumatyala ahamba phambili aphantwe ngabasemagunyeni bezomthetho.

Eli candelo liza kubeka esweni indlela yokuphila yabase-

benzi bakarhulumente. Apho amasebe karhulumente aza kuchonga urhwaphilizo kunye nobutyebi obungaqondakaliyo, lamatyala aya kudluliselwa kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika.

Eli candelo litsha sele liwuqalisile umsebenzi walo ngokuzimisela, lincedisisa ekuchongeni abasebenzi bakarhulumente ababandakanyeka kumatyala anxulumene nokuthengwa kweempahla ze-COVID-19, nesibonelelo esikhethelileyo se-COVID-19 kunye nobuqhetseba kwiNgxowa-mali ye-Inshurensi yokuNgaphangeli.

Amatyala amagosa aseburhulumenteni athunyelwe liCandelo loPhando oluKhethekileyo ukuze kuthathwe amanyathelo oluleko ngakuwo, aya kujongwa leli candelo ukuvavanya inkqubela-phambili yawo.

Elinye icala elibalulekileyo leliCandelo iya kuba kukumisela imigaqo yokuziphatha kakuhle kunye nokuthembeka kumaziko karhulumente. Abasebenzi bakarhulumente abambalwa

kule minyaka idlulileyo, banoluvo lokuba ukwenza ushishino okanye ukuxhamla kuRhulumente kuvumelekile kubo, kubahlobo babo nakwiintsapho zabo, ukuba yonke into isemthethweni. Kufuneka senze konke esinako ukutshintsha le ndlela yokucinga.

Njengokuba sisebenzela ukuphela urhwaphilizo, kufanele ukuba kugxilwe ngokulinganayo ekufundiseni ngesimilo esisesikweni, ngoba okusenokuba semthethweni kusenokuba gwenxa ekuziphatheni ngokusesikweni kwaye akufanelekanga oko kubasebenzi bakarhulumente.

Eli candelo litsha liza kumisela imigaqo nemilinganiselo yokuziphatha kakuhle, yokuthembeka kunye neyesimilo. Liza kwakha namandla amasebe okohlwaya amagosa afunyaniswe enetyala lokungaziphathi kakuhle. Bangaphezu kwama-200 abasebenzi abayebaqeqeshwa kunyaka ophelileyo njengamagosa ongameleyo kunye nabasunguli.

Ukwakha ilizwe eliziphatha

kakuhle, nelinakho kuqhubeka kuzezona zinto olu lawulo igxila kuzo.

Njengoko kuvezwe inqwaba yeziganeko ezibandakanya abasebenzi bakarhulumente abathe baxhamla ngokungekho mthethweni kurhulumente, le nkqubo iyakuba nzima kwaye izothatha ixesha. Nangona kunjalo sizimisele ukulufeza ugqatso.

Umbuso onesakhono usisiseko sokufezekisa zonke izinto eziphambili kwilizwe lethu. Ngaphandle kokuphucula uxanduva lokuphendula kunye nokukhuthaza ukuziphatha kakuhle, akukho nanye into enokufezekiswa.

Uninzi lwabasebenzi bakarhulumente bazinikele, bathobela umthetho kwaye banesimilo.

Umsebenzi ophambi kwethu kukusebenzisana sisonke ukukhupha abo benza ngwenxa, kwaye kulungiswe impazamo yokuba bonke abo baqeshwe kurhulumente bangohlohle sabo okanye bayarhwaphiliza.

Sihlaba ikhwelo kuwo onke amadoda nabasetyhini abasebenzela ilizwe lethu yonke imihla ukuba bazibophelele kwakhona kwiinqobo zokungazingeli kunye nezokunika iinkonzo, kwaye bakhumbule ukuba indlela abaziphethe ngayo kufuneka ngawo onke amaxesha ibe semthethweni nangokulungileyo.

Ukusekwa kweli candelo yenye yeendlela esizisebenzisayo ukuphela urhwaphilizo kumaziko karhulumente nakuwo onke amabakala obomi boMzantsi Afrika.

# Partnerships tackle gangsterism

Silusapho Nyanda

**F**ormer gang leader Welcome Witbooi (38) has warned parents to monitor their children closely and spend enough time with them to keep them away from gangs.

"It's the small details parents must pay attention to. Suddenly coming home late is one of the critical signs. If your child is suddenly buying a cell phone or sneakers, you should be concerned and take immediate action," he says.

Witbooi joined a gang at the age of 12. He says when The Firm, a gang that no longer exists, was recruiting him, it offered him the promise of a family structure.

Witbooi came from a



**Gangster turned motivational speaker Welcome Witbooi helps keep children away from being gang members.**

single grandmother-headed home.

"Before the gang recruits you, they know your family situation. If a parent interacts with their children, the

gang can't influence the child," says Witbooi, who has formed BrightSpark Foundation SA to help youth stay away from gangs.

Adults play a crucial role in ending gang activity in their neighbourhoods.

Western Cape Anti-Gang Unit (AGU) Acting Commander Colonel Karl Wienand says the unit has formed partnerships, through community engagement programmes, to curb organised crime in the province.

The AGU engages with community members, non-governmental organisations that fight social ills, such as drug use.

The organisation also works with community policing forums and neighbourhood watches.

"This helps us learn about the areas and individuals we should be looking at. In cases where people are not able to speak freely, they

contact us directly and we meet them in a discreet and secure manner," Wienand says.

The unit has 189 members conducting operations in the Western Cape, 132 in the Eastern Cape and 78 in Gauteng.

The AGU has also formed strong partnerships with various law enforcement bodies, including the Asset Forfeiture Unit, National Prosecuting Authority and the SAPS' Detective Services. Together they have seized guns used by drug dealers.

Community members can report crime at the nearest police station or by calling **10111**. To contact the Western Cape AGU, call 071 673 1615. To contact the BrightSpark Foundation, call **064 384 7360**.

## Qinisekisa ukuba unomyolelo osemthethweni!

**U**kuba awunawo umyolelo osemthethweni, awuyi kuba nakho ukulawula ukuba ngubani oya kuzuza ilifa lezinto zakho xa uthe wasweleka. Oku kunokhokela ekubeni abantu bafumane ilifa leemali okanye izinto zakho, nokuba awufuni.

Xa umntu uthe wasweleka engawenzanga umyolelo osemthethweni, ilifa ebenalo liya kwabiwa ngokoMthetho i-Intestate Succession Act, kwaye labelwe abantu ekuindleleke ukuba bazifumane ngokusemthethweni.

Lo Mthetho umisela imigaqo yendlela ekuindleleke ukuba lwabiwe ngalo ilifa. Xa kwabiwa kuye kwabelwe izalamane ezikufutshane nawe kuqala, kulandelwa indlela ethile:

- Ukuba liqabane lakho lomtshato lodwa eliphilayo, lilo eliya kufumana ilifa lakho lonke.
- Ukuba awunalo iqabane lomtshato kwaye kuphila



abantwana bakho bodwa, baya kwabelwa ilifa lakho ngokulinganayo.

- Ukuba kuphila iqabane lakho lomtshato kunye nabantwana, iqabane lakho lomtshato liya kufumana isabelo sabantwana okanye i-R250 000, nayiphi na ethe xhaxhe, baze abantwana bona babelane ngemali eshiyekileyo. Umzekelo, ukuba ilifa lixabisa izigidi ezimbini zeranti, ze umfi ashiye ngasemva iqabane lakhe lomtshato kunye nabantwana abathathu, imali yesabelo somntwana ngamnye iyakuba yi-R500 000. Isabelo somntwana siba-

Iwa ngokuthi kwahlule ixabiso lelifane ngesine.

- Ukuba awunaqabane lomtshato kwaye awunabantwana, kodwa abazali bakho bobabini basaphila, ilifa liyakwabelwa bona ngokulinganayo. Ukuba omnye umzali akasaphili, kodwa ushiye ngemva abantwana, umzali osaphilayo uya kufumana isiqingatha selifa, ze esinye isiqingatha sifunyanwe yinzala yomzali ongasekhoyo.
- Ukuba bobabini abazali bomfi abasaphili, kodwa bashiye inzala yabo, ilifa liya kwahlulelwa bona ngokulinganayo.
- Ukuba umfi akanaqabane lomtshato, akananzala, akanabazali kwaye akukho nenzala yabazali, isalamane segazi esikufutshane siya kufumana ilifa lonke.
- Okokugqibela, ukuba akuphili nasinye isalamane somfi, uRhulumente uya kufumana yonke inzuzo yelo lifa.

Ukongeza koku kungasentla, umntwana ozelwe ngaphandle komtshato unokufumana ilifa kubo bobabini abazali bakhe begazi; kwaye umntwana owamkelwe njengowakho ngokusemthethweni uthathwa njengenozala yomzali okanye yabazali bakhe.

### Usebenza nini umyolelo osemthethweni?

Umyolelo osemthethweni usebenza kuphela xa wenziwe ngumntu oneminyaka eli-16 okanye ngaphezulu, kwaye kufuneka uhlangebuzane nezi mfundo zilandelayo:

- Kufuneka ubhalwe phantsi, kwaye utyikitye onke amaphepha nasekugqibeleni.
- Kufuneka utyikitye phambi kwamangqina afanekileyo amabini nanga-phezulu. Nabani na oneminyaka eli-14 nanga-phezulu angalilo ingqina. Kodwa indlalifa lona alinakuba lingqina.
- Kuya kufuneka ubanda-

kanye iinkcukacha ezipheleleyo zelifa lakho kunye neenkcukacha zabo ufuna ukulishiyela bona, kubandakanya amagama abo kunye nezinye iinkcukacha.

- Kufuneka utyumbe umntu oza kulawula ilifa lakho (umabi welifa). Lo mntu akanakuba yindlalifa.
- Kufuneka uchaze ukuba kufanele kwenziwe ntoni kwilifa lomxhamli omncinci.
- Ukuba nguwe wedwa umgcinini womntwana omncinci, chaza ukuba ngubani omakonyulwe njengomgcinini womntwana.
- Kufuneka uqinisekise ukuba umyolelo osemthethweni woqobo osayiniweyo ugcinwa ukhuselekile, kuba ikopi yawo ayisebenzi.

**linkcukacha zinikezelwa yi-Ofisi ye-Ombud for Financial Services Providers njengelungu leKomiti ye-Sizwe yeMfundo yezeMali yaBathengi.**